

Intak'emvula

Joanne Bloch (retold folktale)
isiXhosa





Kwilizwe laseGabon, kwakukh' ilali encinane eyayimi kwinyele lehlathi. Esizikithini seli hlathi, kwawona masebe aphezulu omthi omkhulu kunene, kwakuhlala eyona ntaka ikhethekileyo – intaka eyenza imvula.

Kuko konke okwakudala
okusakhunjulwayo ngabahlali bale lali,
babethe gqolo bezinika ithuba lokugcina
le ntaka yonwabile maxesha onke.
Babegcina ingququ yesonka,
amaqhekeza eziqhamo kunye nobisi
olutsha lwekhokhonathi, kwaye rhoqo
ngeveki okanye ngeeveki ezimbini, iqela
labahlali bale lali bebethatha ezi
zimuncumuncu bazise ehlathini.
Bayakuthi ke emva kokuba bezandlele
phantsi kwalo mthi, aze omnye adlale
ngonyana ithile ngepiyano edlalwa
ngeminwe.





Kuya kuthi ethubeni, ubone loo ntaka ibhabha isiza ezantsi ukuza kutya ize isele kanaanjalo. Iya kuthi yakugqiba, uyive iqalisa ukucula eyona ngoma imyoli. Icula njalo uyakuyibona inyusa amaphiko ayo aluhlaza amenyezelayo, kungekudala emva koko, imvula iqalise ukuna.

Oku kwaqhubeka iminyaka emininzi. Nanjengoko imvula yayisina rhoqo, izityalo zakhula ngokwaneleyo kangangokuba kwakho ukutya okuninzi kuloo lali. Kodwa ke kungekudala, izinto zaqala ukutshintsha. Abahlali baloo lali basuka bathanda ukuxakeka zezinye izinto, kwaze oku kwabangela ukuba balibale ngentaka yemvula. "Kuza kunetha nokuba kutheni," babesitsho, "liphelile ixesha lokufekethisa laa ntakana ngoku!"





Kodwa ke ngelishwa, abantu babewuphosile umhlola. Bathe bakuyeka ukuyikhathalela intaka, imvula yayeka ukuna. Izityalo zaqala ukoma nokubuna, nezilwanyana zayimidyubha ebuthisayo. Nangona kunjalo, kwakungekho mntu kuloo lali waphumayo ukuya ehlathini ukuze ondle intaka eyayibazisela imvula. Eyona nto babexakeke yiyo ngoku kukwenza imali ukuze baye kuthenga ukutya kwiidolophu abamelene nazo.

Ngaminazala ithile eyayitshisa kakhulu, intombazana encinci egama linguKetti yagqiba ekubeni iye ehlathini emva kokuphuma kwesikolo. "Noko kuza kuphola phaya," uzicingele ngaphakathi. Uhambile, wahamba, kwaze emva kwethutyana, wafika kumthi omde eyayihlala kuwo intaka yemvula. UKetti uqwalasele phezulu emthini. Kusenjalo, wakhumbula ngelaa xesha umakhulu wakhe wayehamba naye ukuya apho ehlathini ukuze bondle intaka, nangona yena wayesemncinci. Kwangoko uvule itasi yakhe yesikolo wakhupha intsalela yesonka ebishiyeke kweso ebesiphethe ukuya kwakhe esikolweni. Ngenkathalo nangobunono, ubeke eso sonka phantsi kwaloo mthi. Nanjengoko ke ebengaphethanga piyano edlalwa ngeminwe, uye wacula ingoma endala awayeyazi kakhulu kubomi bakhe.





Ngesandi esidandulukayo esikhulu, intakana eluhlaza entle yathi gqi emasebeni phezu kwentloko kaKetti yaze yaqalisa ukutya isonka. Ithe yakugqiba ukutya le ntaka, yavula umlonyana wayo yaze yacula iinowuthi eziphezulu zengoma ngokucwengileyo.

Kwangoko yanyusa amaphiko ayo akhazimlayo, kwangoko uKetti weva ukundila kwezulu. Uthe efika kowabo, kwabe sele kusiwa amachaphaza amakhulu emvula, epholisa loo mhlaba ubomvu utshisayo.

UKetti wayechulumancile kakhulu, kodwa wadana emva kokuba exelele abazali bakhe ukuba kwenzeke ntoni. "Ungasigezeli!" wamngxolisa watsho umama wakhe. "Akusekho mntu ukholelwayo ukuba laa ntaka inento yokwenza nemvula!"

"Unyanisile umama wakho," utshilo utata kaKetti. "Imbalela iphelile ngoku, kwaye izinto ziza kulunga kwakhona. Musa ukudiywaza ngesonka esidingekayo ngokumana usiya kondla laa ntaka indala irhalayo kwakhona!"

Nangona uKetti angazange aphikisane nabazali bakhe, wayeqinisekile ukuba bayaphazama. "Akwaba umakhulu ebesaphila," uthethele ngaphakathi, "yena ebeza kundikholelwa!" Kodwa ke kwakusele iyiminyaka eliqelana eswelekile umakhulu kaKetti. Inye kuphela into awayesayigcinile uKetti kwezo zikamakhulu, yayiyipiyano yeminwe kamakhulu wakhe.





Zigqithile iiveki ezimbini kungekho nethontsi lemvula. Ziphindile izityalo zantshwenca, zaze zanyakazela iimbambo ngakumbi izilwanyana ezilambileyo. Inggqatsini yelanga yahlaba ngokungenalusini emhlabeni ukusuka kweso sibhakabhaka siluhlaza.


"Andikhathali nokuba bathini!" ucinge watsho uKetti. "Siyayidinga imvula. Ndiza kuya kuyondla kwakhona intaka ngomso!"

Kwangentseni kusuku olulandelayo, emva kokuba ethathe isilayi sesonka nesandla esigcwele ngamaqubube abomvu kwikhitshi lakowabo, uKetti unyebeleze waphuma endlwini. Nanko esingise kumbindi wehlathi.

Akazange aqaphele kodwa ukuba utata wakhe wayehleli ethe qwa. Uthe akubona oko kwenziwa yintombi yakhe, waqonda ukuba iza kuya kondla intaka yemvula kwakhona. "Ndiza kumfundisa isifundo kanene lo mntwana ungenambeko!" utshilo ezithethela ngomsindo. Uthe hlasi isaphetha sakhe neentolo zakhe waze wamlandela ngokuthe cwaka uKetti ukuya ehlathini apho.



Ithe kanye xa intaka isihla emthini isiza kudla ukutya ekubekelwe nguKetti, utata wakhe waphakamisa isaphetha sakhe waze wadubula ngetolo elibulalayo. Itolo laya kungena ngqo entliziyweni yentaka. Intaka yatsho ngesikrakra sona isikhalo. Ngokoyika okukhulu, uKetti waguquka – waba sele ebona utata wakhe esiwa phantsi, wafa ngoko nangoko. UKetti ukhalile waze wajika – sele ebona itolo lisiwa lingayenzanga nomkrwelo lo wembala loo ntaka inomzimba omenyezelayo. Nantso intaka, ingenawo nomncinci umenzakalo, indanda inyukela kwelona sebe liphezulu lomthi.





UKetti uphume eggqotsile kwelo hlathi, wathi xa esiya ekhaya wafikela kumbono wentshabalalo engathethekiyo. Wonke umntu amaziyo nesilwanyana na kanene, babathe tywaa emhlabeni befile. Intliziyo yakhe iye yabetha ngamandla, wabaleka ukuya kowabo.

Kwangoko ufumene laa piyano idlalwe ngeminwe kamakhulu wakhe. "Kuphela kwethemba endinalo ke eli!" ucinge watsho. "Intaka yemvula iqumbile. Kufuneka ndiyonwabise kwakhona! KUMELE ndenze njalo!"

Emva kwesiqingatha seyure, uKetti wayemi bhunxe phantsi komthi omkhulu. Umzimba wawubile xhopho kwaye ephefumlela phezulu. Phaya qelele kancinci kuye, kwakudunduluze umzimba katata wakhe ofileyo.

UKetti uye wajonga kude ngokukhawuleza, waqalisa ukudlala ipiyano yeminwe ngezandla ezingcangcazelayo. Udlalile, wadlala, yade yaqaqamba iminwe yakhe.





Ekugqibeleni, kwenzeka eyona nto wayefuna yenzeke ehlabathini. Nantso intaka ibhabha isiza, loo nto kuyo kwakungathi akukho nento le ikhe yenzeka. Intaka iye yatya amanye amaqunube awayesathe saa apho emhlabeni yaze yacula iinowuthi ezimbalwa zengoma.

Uthe esadlala ingoma njalo uKetti, intaka yaphakamisa amaphiko ayo ... uKetti weva ukurhashaza emva kwakhe.

Kwakusenziwa kukuvuka kukatata wakhe.

"Ndicela uxolo!" utshilo izihlandlo ngezihlandlo ebhekisa kwintaka enkulu eluhlaza.

Emva koko wabamba intombi yakhe ngesandla bagoduka bethe chu ukuya elalini. Nalapho elalini, wonke umntu wayevukile kwanezilwanyana ngokunjalo.





Ngobo busuku abahlali belali baye babamba intlanganiso. Bonke baye bavumelana ngamxhelo mnye ukuba bafunde isifundo esibalulekileyo. Ukusukela ngaloo mini, akuzange kuphinde kubekho nanye iveki egqithayo kungakhange kuyiwe ehlathini ukuze kondliwe intaka eyayibazisela imvula.

Intak'emvula

Writer: Joanne Bloch (retold folktale)
Illustration: Wiehan de Jager and Nalibali
Translated By: Nal'ibali
Language: isiXhosa



The text is reproduced with permission of
Nal'ibali – www.nalibali.org

© Nal'ibali and PRAESA, 2014



This story is licensed under a Creative Commons Attribution Non-Commercial
licence: CC-BY-NC 3.0 unported.

You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations
as long as you attribute or credit the original writer/s and illustrator/s.

You may not use this story for commercial purposes (for profit).

Saide 
South African Institute
for Distance Education
www.africanstorybook.org
A Saide Initiative